
# UPHANDO LWEZIGONYO ZABANTWANA OLUQHUTYWA EMZANTSI AFRIKA UKUSUKELA NGO FEBRUARY UKUYA KUTHI XHAXHE KU MAY 2019

"Abantwana abagonyiweyo,Isizwe esiphilileyo nesikhuselekileyo: Dlala Indima yakho!"

Side-by-Side




## KUTHENI UMNTWNA WAM KUFUNEKA EGONYIWE?

Izigonyo zikhusela izifo ezifana no Nkonkonko, Umqala omhlophe, iMasisi kunye nezinye. Izigonyo zikhusela abantwana kwezizifo zikhankanyiweyo apha ngasentla nakwezinye ezingakhankanywanga, kodwa kubantwana abagonyiweyo ngokupheleleyo ngokuthi bazifumane zonke izigonyo ngokomiselo yomgaqo wezempilo (immunisation schedule).

## KUTHENI KUFUNEKA WONKE UMNTWANA EGONYIWE?

Njengokub ke izigonyo zikhusela izifo ezithile, ukuba bonke abantwana bagonyiwe akukho mntwana uzokosulela omnye ngesifo. Lonto ithi ke bonke abantwana nabahlali bakhuselekile ekuhlaleni.

## BANGAPHI ABANTWANA ABAGONYIWEYO EMZANTSI AFRIKA?

UMzantsi Afrika uqhuba uphando lwezigonyo ukuze azi oku kulandelayo:

1. Bangaphi abantwana abasele bezifumene izigonyo ezifunekayo.
2. Banagaphi abantwana abafumene izigonyo ezithile kwezo zifunekayo.
3. Banagphi abantwana abangazange bazifuma na kwabona izigonyo.
4. Kungokuba kutheni abanye abantwana bezi fumana izigonyo abanye bangazifumani
5. Kufuneka enze ntoni URhulumente nese beLezempilo ukuze abantwana bonke bazifumane ngokulula izigonyo baphinde bakwazi ukufikelela ngokulula kwindawo ezifumaneka kuzo.

## LUZOQHUBEKA PHI NINI OLUPHANDO LWEZIGONYO?

Oluphando luzoqala ngo February 2019 ukuya kuthi xhaxhe pha ku May 2019. Uphando luzoqhutywa kumakhanya akhethiweyo kwizithili ezingamashumi amahlanu anambini (52) Abasebenzi abaqeqeshiweyo nabaphethe iziqgebhezana zokuzazisa bazongena emizini ekhethiweyo beqokelela iinkcukacha zoluphando ezizosetyenziswa ukuphucula inkqubo yezigonyo nokugcina abantu ekuhlaleni bephilile bekhuselekile kananjalo kwezinye izifo.

## KUTHENI IKHAYA LAM KUFUNEKA LITHATHE INXAXHEBA KOLUPHANDO?

Eyona ndlela inye uRhulumente nesebe Lezempilo elingafumana ngayo iinkcukacha zokwenene nezifunekayo kukusebenza nabantu ekuhlaleni kwanaMakhaya ngokubanzi ukwenzela ukubona ukuba bangaphi abantwana abagonyiweyo, abangagonywanga kunye nezizathu ezikhokelela ekungagonyweni kwabantwana.

**UYACELWA NGOKUTHOBEKILE UKUBA UPHENDULE IMIBUZO EMBALWA EZOBUZWA XAKUFIKWE EKHAYAYENI LAKHO OKANYE KWINDAWO OHLALA KUYO.**

**LINKCUKACHA ZOPHANDO MALUNGA NEMPILO YOMNTWANA WAKHO IZAKUNCEDA KAKHULU UMZANTSI AFRIKA EKUWUKHUSELENI KWIZIFO EZINGATHINTELEKA NGEZIGONYO!!!**

## UKUVA BANZI NGOPHANDO UNGANXIBELELANA NABANTU BALANDELAYO KWEZINOMBOLO ZOMNXEBA ZIBHALIWEYO:

Umphandi Oyintloko:
084 406 3362
Umanejala Ophezulu Kwisebe Lezempilo Kundlunkulu:
079 511 6727
Umanaejala Wezogonyo Kundlunkulu:
076 867 7851

"Abantwana abagonyiweyo,Isizwe esiphilileyo nesikhuselekileyo: Dlala Indima yakho!"

isiXhosa

health
Department: Health
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Side-by-Side

WITS HEALTH CONSORTIUM

NATIONAL INSTITUTE FOR COMMUNICABLE DISEASES
Division of the National Labratory Service

Phila
Inspired to live

2030 NDP